### *UThixo Wayemdalele Isikhundla Esiphezulu Ukhwezi Ezulwini*

. . . Itsho iNkosi uYehova ukuthi, Wena lutywino lwesakhiwo esilinganiselweyo kakuhle, uzeleyo bubulumko, umhle kwaphela. Ubuse-Eden emyezweni ka Thixo; onke amatye anqabileyo abe esisigubungelo sakho: isardiyo, netopazi, nedayimani, nekrizolite, neberilo, neyaspisi, nesafire, nekarbhunkolo, nesmarado, negolide; umsebenzi weengqondi zakho nowamankazana akho waye ukuwe; ngemini yokudalwa kwakho ezo zinto zalungiswa.

Waye uyikerubhi ethanjisiweyo, egqubuthelayo; ndakwenza ke, waba sentabeni engcwele kaThixo, wahambahamba phakathi kwamatye anomlilo.

### *Wadalwa Egqibelele*

Wagqibelela ngeendlela zakho, kususela kwimini yokudalwa kwakho, kwada kwafumaneka ubugqwetha kuwe.

### *UThixo Usilahlela Phandle Isono*

Ngobuninzi borhwebo lwakho umbilini wakho wazala kukugonyamela, wóna ke. Ndiya kulahla wena, ngokwento engcolileyo, umke entabeni kaThixo; ndikutshabalàlise, kerubhi igqubuthelayo, usuke phakathi kwamatye anomlilo. —UHezekile 28:12-16

## 2 YINTONI EYAPHEMBELELA ISONO SIKA KHWEZI?

Ikratshi likhokela kwintshabalalo; ukuzidla kukhokela ukukhubeka. —ImiZekeliso 16:18

Intliziyo yakho iphakamile ngenxa yobuhle bakho, ubonákalisile ubulumko bakho kunye nokubengezela kwakho. Ndikukhahlela emhlabeni ndikwènze ube ngumbonelo phambi kokumkani.

### *Isiphelo Somvukeli*

Ngobuninzi bobugwenxa bakho, ebugqwetheni borhwebo lwakho, uzihlámbele iingcwele zakho; ndivelisa ke umlilo kwaphakathi kwakho; úya kukutshisa wona, ndikwènze ube luthuthu emhlabeni, emehlweni abo bonke abakubonayo. Bonke abakwaziyo ezizweni baya kumangaliswa nguwe, usuke ube sisikhwankqiso, ungabuyi ubekho naphakade.

—UHezekile 28:17-19

### *Nasiphi Isidalwa Masibe Phantsi Kolawulo loMdali*

Mkhonzeni uYehova nivuya; yizani phambi kwakhe nimemelela. Yazini ukuba uYehova nguThixo yena; wasenza yena, àsisithi; singabantu bakhe nezimvu ezalùswa nguye. —IiNdumiso 100:2, 3

Ingqalo yobulumko kukoyika uYehova, Banengqiqo elungileyo bonke abenza ngako; indumiso yakhe ihlala imi. —IiNdumiso 111:10

### *Intando Yakhe Ichasa Intando KaThixo*

Ùtheni na ukuwa emazulwini, Khwezi, nyana wesifingo! ukunqunyulwa uwe emhlabeni, mngquli weentlanga! Wena ke wathi entliziyweni yakho, Ndiya kunyukela emazulwini, ndiyinyuse itrone yam ibe ngaphezu kweenkwenkwezi zikaThixo; ndihlale entabeni yentlanganiso, engontsini yasentla. Ndiya kunyuka ngaphezu kwezigánga zamafu, ndizifanise nOsenyangweni.

### *Usebenza Intshabalalo Emhlabeni*

Kanti ùya kuhliselwa kwelabafileyo, engontsini yomhadi. Abakubonayo baya kukuthi nzo ngamehlo, bakugqale, bathi, Yiyo na le indoda ebiligungqisa ihlabathi, ebizinyikimisa izikumkani? eyalenza intlango elimiweyo, yayigungxula imizi yalo; àyabavulela ababanjwa balo ukuba bagoduke?

### *Ulisikizi KuThixo*

Bonke ookumkani beentlanga, bonke bephela, balele benozuko, elowo endlwini yakhe; ke wena ulahlelwe kude nengcwaba lakho, njengegatya elilisikizi; wambethe ababuleweyo, abahlatywe ngekrele, abahle baya ematyeni omhadi . . . . —UIsaya 14:12-19

# UKUNGALAWULWA NGUTHIXO KUPHELELA ENTSHABALALWENI

### *Kuye Ukhwezi Kuqala*

*(Khangela "Ondiya" baka Khwezi abahlanu Kulsaya 14:13, 14 Kwiphepha 3.)*

Uthe ke kubo, Bendimbona uSathana njengombane esiwa ezulwini. —ULuka 10:18

### *Kwingelosi ezilandela USatana*

. . . uThixo angaziconganga izithunywa zezulu ezonayo, wesuka wathi, ezikhahlele enzonzobileni, wazinikela emixokelelwaneni yesithokothoko, zigcinelwe umgwebo. —KuPetros II 2:4

### *Kubantu Abakhohliswa nguSatana*

Angabi ngosandula ukungeniswa, ukuze angàthiwa lwale likratshi, eyele ekugwetyweni koMtyholi. —KuTimoti I 3:6

### *USatana Uzuza ukulawula Umntu*

. . . kuba lowo athi ubani eyiswe nguye, ukhonzisiwe nokukhonziswa kuye. —KaPetros II 2:19

### *Izulu Limelwe Kukuba nentando enye Kuphela - Intando KaThixo Egqibeleleyo*

Kanjalo ningamilisi okweli phakade; manibe kumila kumbi ngokuhlaziyeka kwengqiqo yenu, ukuze nikucikide into okuyiyo ukuthanda kukaThixo okulungileyo, okukholekileyo, okuzalisekileyo. —KwabaseRoma 12:2

# ILUNGELO LIKATHIXO LOKUKHONZWA NGABO BONKE

Ndingu Yehova uThixo wakho, owakukhuphayo ezweni laseYiputa, endlwini yobukhoboka. Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam. —IDuteronomi 5:6, 7

Mnikeni uYehova uzuko lwegama lakhe; zisani umnikelo, nime phambi kwakhe; mnquleni uYehova, nivethe ezingcwele.

—IziKronike I 16:29

Aze athi uYesu kuye, Suka umke, Sathana; kuba kubhaliwe kwathiwa, YiNkosi uThixo wakho oya kuqubuda kuyo, ukhonze yona yodwa. —UMateyu 4:10

Ndawa ezinyaweni zaso, (Okwe-engelosi) ukuba ndiqubude kuso. Sathi kum, Lumka, ungenjenjalo; ndingumkhonzi kunye nawe, nabazalwana bakho abanobungqina bukaYesu; qubuda kuThixo . . . .

—IsiTyhilelo 19:10

Yizani, masiqubude, siguqe, sithobe phambi koYehova umenzi wethu. *(Bona kwiGen. 1:27.)*

—IiNdumiso 95:6

### *Abalahlekisiweyo bakhonza Umvukeli*

. . . Wamangaliswa umhlaba uphela, walilandela irhamncwa elo. Bayinqula inamba eyalinika igunya irhamncwa, balinqula irhamncwa . . . . —IsiTyhilelo 13:3, 4

### *USatana needimoni Banqwenela Ukukhonzwa*

Ubuya uMtyholi amthabathe amse entabeni ephakame kakhulu, ambonise zonke izikumkani zehlabathi, nozuko lwazo; athi kuye, Zonke ezi zinto ndokunika, ukuba uthe wawa phantsi, waqubuda kum. —UMateyu 4:8, 9

Amasalela abantu, abangabulawanga ngazo ezo zibetho, akaguqukanga emisebenzini yezandla zawo, ukuze angaqubudi kuzo iidemon, nezithixo zegolide, nezesilivere, nezobhedu, nezamatye, nezemithi, ezingenako nokubona, nokuva, nokuhamba.

—IsiTyhilelo 9:20

### *UThixo Uyabatshabalalisa Abanquli Abanjalo*

. . . kwabakho isilonda esibi esinobuhlungu ebantwini, abo banophawu lwerhamncwa, abo baqubudáyo kuwo umfanekiselo walo. . . . bagwetywa elowo ngokwemisebenzi yakhe. Kwaza ukufa nelabafileyo kwaphoswa edikeni lomlilo. —Isi Tyhilelo 16:2; 20:13, 14

NdinguYehova, lilo elo igama lam; andiluniki omnye uzuko lwam, nendumiso yam andiyiniki imifanekiso eqingqiweyo.

—UIsaya 42:8

Obingelela kuthixo ongenguye uYehova yedwa, makasingelwe phantsi. —IEksodus 22:20

# IINGELOSI ZIKA KRISTU NEENGELOSI ZIKA SATANA

### *Iingelosi ZeNkosi Zomelele Kuneengelosi Eziwileyo Zika Satana*

Mbongeni uYehova, nina zithunywa zakhe, magorha omeleleyo, alenzayo ilizwi lakhe, ephulaphula isandi selizwi lakhe.
—IiNdumiso 103:20

Kwaza kwabakho imfazwe emazulwini, uMikayeli nezithunywa zakhe besilwa nenamba, inamba nezithunywa zayo zisilwa; àzaba nakweyisa .... —IsiTyhilelo 12:7, 8

Azingomoya ababusayo zonke na, zithunywe ukuba zilungiselele abo baza kuba ziindlalifa zalo usindiso? —KumaHebhere 1:14

Ngokuba izithunywa zakhe úziwisele umthetho ngawe, ukuba zikugcine ezindleleni zakho zonke.
—IiNdumiso 91:11

### *Iingelosi Eziwileyo (Iidemoni, oomoya abangcolileyo) zizimisele Ukusa Umntu esihogweni*

Wandule ukuya kuthabatha abanye oomoya abasixhenxe abangendawo kunawo, bangene ke bahlale khona .... —ULuka 11:26

Ke kaloku uMoya uthi ngokucacileyo inxenye iya kumka elukholweni, ngamaxesha asemva, inyamekele oomoya abalahlekisayo, neemfundiso zeedemon.
—KuTimoti I 4:1

# ABONA BANTU NEZONA ZINTO AZITHIYILEYO NGAKUMBI USATANA

***Umntu, Odalwe ngokomfanekiselo KaThixo***

Akubon' ukuba useza ke, isuke idemon yamntlala, yambetha, wathi xhwenene kunene. Wawukhalimela ke uYesu umoya ongcolileyo, waphilisa umntwana, wambuyisela kuyise. —ULuka 9:42

***UKristu (UThixo osenyameni), Onosindiso Ebantwini Bakhe***

Ke kaloku uHerode, . . . waba nomsindo kunene, waza wathumela, wababulala bonke abantwana abaseBhetelehem, . . . abaminyaka mibini bezelwe, nangaphantsi, elungelelanisa nexesha abeliqondisise kakuhle kuzo izazi.
—UMateyu 2:16

***Lilizwi likaThixo Aliphikisayo USatana***

. . . Útshilo na okunene uThixo ukuthi . . . Yathi inyoka kumfazi, Anisayi kufa. —IGenesis 3:1, 4

***Isizwe Esinyuliweyo sikaThixo, USirayeli***

Yaza yathi inamba, yakubona ukuba iphoswe emhlabeni, yamtshutshisa umfazi ozele umntwana oyinkwenkwe. —IsiTyhilelo 12:13

***Amakholwa azalwa-NguMoya***

Yibani nobungcathu, phaphani; ngokuba ummangaleli wenu, uMtyholi, . . . efuna ubani angamginyayo. —KaPetros I 5:8

### *Ulinganisa UThixo ngokuthi aphawule abo bakhe*

Akusayi kuba sabakho nasinye isiqalekiso; yaye itrone kaThixo neyeMvana iya kubakho kuwo; abakhonzi bakhe bamkhonze, babubone ubuso bakhe, negama lakhe libe semabunzini abo.
—IsiTyhilelo 22:3, 4

*(Khangela Ukulinganisa Kuka Satana, iphepha 35.)*

### *Ugqwetha lindaba ezilungileyo ngobuxoki*

... koko kukho bathile banikhathazayo, bathandayo ukuzigqwetha iindaba ezilungileyo zikaKristu. —KumaGalati 1:7

### *Izicaka zakhe zizenza ngathi zezikaThixo*

Kuba abo banjalo ngabapostile ababuxoki, ngabasebenzi abakhohlisayo, bezimilisa okwabapostile bakaKristu. Ke àkummangaliso oko, kuba noSathana ngokwakhe uzimilisa okwesithunywa sokukhanya.
—KwabaseKorinte II 11:13, 14

### *Wenza imiqondiso yobuxoki Ibengathi yimiqondiso KaThixo*

### *USatana naye Uyalawula Kwabo bamnqulayo okanye izithixo zakhe*

Yehova Thixo wethu, iinkosi ezingenguwe bezinobukhosi phezu kwethu .... —UIsaya 26:13

Bantwanana, zigcineni kuzo izithixo. —KaYohane I 5:21

Uze ungabi nathixo bambi ngaphandle kwam. Uze ungazenzeli umfanekiso oqingqiweyo, nokuba ngowayiphi na into emilise esezulwini phezulu, nesemhlabeni phantsi, nesemanzini aphantsi komhlaba. Uze ungaqubudi kwezo nto, ungazikhonzi . . . .
—IEksodus 20:3-5

### *Ezinye IziThixo zilisikizi kuThixo. Amadini Abantu Akavumelekanga*

Zichitheni kuphele zonke iindawo, apho iintlanga enizigqogqayo zabakhonzela khona oothixo bazo, ezintabeni eziphakamileyo, nasezindulini, naphantsi kwemithi yonke eluhlaza; . . . Zigcine, hleze uthiyelwe uzilandele, emveni kokutshatyalaliswa kwazo phambi kwakho; . . . Uze ungènjenjalo kuYehova uThixo wakho; kuba yonke into elisikizi kuYehova, ayithiyileyo, ziyenzile koothixo bazo; ngokuba kwanoonyana bazo neentombi zazo zizitshisé emlilweni koothixo bazo.
—IDuteronomi 12:2, 30, 31

. . . Ndorhola owamazibulo na ngenxa yesikreqo sam, isiqhamo somzimba wam na ngenxa yesono somphefumlo wam? —UMika 6:7

### *Igazi likaKristu Lihlamba Isono*

### *Ubuyatha bokunqula Izithixo*

Bona bananisėle ubuxoki inyaniso kaThixo, basihlonela basikhonza isidalwa, begqitha kuMdali, ongowokubongwa kuse kuwo amaphakade.

—KwabaseRoma 1:25

UThixo wethu ke usemazulwini, konke akuthandileyo úyakwenza. Izithixo zazo yisilivere negolide, zizenzo zezandla zabantu. Zinomlomo nje, azithethi; zinamehlo nje aziboni; zineendlebe nje, aziva; zineempumlo nje, azisezeli. Izandla zazo aziphathi, iinyawo zazo azihambi; azidumzeli ngomqala wazo. Boba njengazo abenzi bazo, bonke abasukuba bekholose ngazo.

—IiNdumiso 115:3-8

### *Ukunqula Izithixo Kukunqula UMtyholi*

. . . kubalekeni ukubusa izithixo . . . Anditsho! Ndìthi, Amadini eziwenzayo iintlanga, ziwenzela iidemon, aziwenzeli uThixo. Andithandi ke ukuba nibe ngamadlelane needemon nina.

—Kwabase Korinte I 10:14, 20

### *Isohlwayo ngenxa yokunqula Izithixo*

. . . nabakhonzi bezithixo, . . . isabelo sawo siya kuba sedikeni elivutha umlilo nesulfure. Oko kukufa kwesibini.

—IsiTyhilelo 21:8

## 12 UTHIXO UKUTHIYILE UKUKHONZWA KWEZITHIXO

***UThixo wazitshabalalisa izizwe ngenxa yezithixo zazo—Ungagcini Izithixo endlwini yakho!***

Abanikele ookumkani bazo esandleni sakho, ulicime igama labo phantsi kwezulu. Akuyi kuma mntu ebusweni bakho, ude uzitshabalalise zona. Imifanekiso eqingqiweyo yoothixo bazo woyitshisa ngomlilo; . . .ungayithabatheli kuwe, ibe ngumgibe; ngokuba lisikizi kuYehova uThixo wakho. Uze ungalingenisi isikizi endlwini yakho, ukuze ungabi yinto yokusingelwa phantsi njengálo. . . . —IDuteronomi 7:24-26

***Kwakutheni Ukuze Uninzi lwabo besizwe esinyulwe nguThixo babe noomoya abangcolileyo ngexesha lokufundisa kukaKristu? Okhokho babo babekhonza idemoni!***

Bakhonza izithixo zazo, yaba sisirhintyelo kubo. Babingelela ngoonyana babo nangeentombi zabo kwiidemon. . . .Wavutha ke umsindo kaYehova kubantu bakhe, laba lisikizi kuye ilifa lakhe. —IiNdumiso 106:36, 37, 40

Uze ungaqubudi kwezo nto, ungazikhonzi: kuba mna, Yehova Thixo wakho, ndinguThixo onekhwele, ndibuvelela ubugwenxa booyise koonyana, kwesesithathu nakwesesiné isizukulwana sabandithiyileyo. —IEksodus 20:5

Umkhafulikazi uze ungamyeki adle ubomi. —IEksodus 22:18

Musani ukubheka kwabanemishologu; musani ukubafuna oosiyazi, ukuze nenziwe inqambi ngabo: ndinguYehova uThixo wenu. —ILevitikus 19:31

Ndibanqamle abakhafuli, bangabikho esandleni sakho; amatola angabikho kuwe. —UMika 5:12

Ngokuba ukuba neenkani kusisono esinjengokuvumisa, ubungqola bunjengenkonzo yezithixo nemilondekhaya. Ngenxa yokuba ulicekisile ilizwi lika Yehova, naye ukucekisile ukuba ungabi kumkani. —USamuweli I 15:23

Xa uthe wafika kulo ilizwe akunikayo uYehova uThixo wakho, uze ungafundi ukwenza amasikizi ezo ntlanga. Maze kungàfunyanwa namnye kuwe ucandisa unyana wakhe nentombi yakhe emlilweni, novumisayo, nolitola, nohlaba izihlabo, nokhafulayo, nobopha ngomabophe, nobuza koneshologu, nosiyazi, noquqela kwabafileyo. Kuba balisikizi kuYehova bonke abenza ezo zinto; kungenxa yaloo masikizi, le nto uYehova uThixo wakho azigqogqayo zingabikho ebusweni bakho. —IDuteronomi 18:9-12

**Ukuquqela kwabafileyo:** Kukuxela Iziganeko ezizakwehla ngokuthi Kwenyuswe imimoya yabafi; Ubugqi.

# UKUXELA KWANGAPHAMBILI OKUZA KUHLA NGONCEDO LWEEDIMONI

### *UThixo Akakuvumeli ukuba kufundwe Ikamva Kwiinkwenkwezi, Ukukhafula, Ukucenta Inyama*

**Ize ningadli nto inegazi. Ize ningahlabi sihlabo; ize ningabi ngamatola. Ize ningazicenti inyama yenu ngenxa yomfi, ningenzi mbhalo wamvambo kuni: ndinguYehova. —ILevitikus 19:26, 28**

**Musani ke nina ukubaphulaphula abaprofeti benu, nabavumisi benu, namaphupha enu, namatola enu, nabakhafuli benu . . . . —UYeremiya 27:9**

**. . . ndibe lingqina elikhawulezayo kubakhafuli, nakubakrexezi, nakubafungi bobuxoki . . . . —UMalaki 3:5**

**Ngokuba imilonde-khaya ithethé into ebubutshinga, nabavumisi baboné ubuxoki, balawula amaphupha enkohlakalo, bathuthuzela kwangamampunge; ngenxa yoko bakhokile njengomhlambi, bacinezeleka, kuba kungekho malusi. —UZekariya 10:2**

**Ukuvumisa:** Kukuxela Kwangaphambili oko kuzayo okanye okungaziwayo ngendlela zobuxoki.

**Ukukhafula:** Bubugqi obenziwa ngoncedo loomoya abakhohlakeleyo.

### *Ukuquqela Koosiyazi Nabanesholog*u

Xa bathe kuni, Quqelani kwabaneshologu nakoosiyazi, abalozayo, abadumzelayo, yithini, Abantu mabangaquqeli kuThixo wabo, yini na? . . . —UIsaya 8:19

### *Ukusebenzisa amalungu omzimba, Imifanekiso*

Kuba ukumkani waseBhabheli umise ekwahlukaneni kweendlela, emantloko eendlela zombini, ukuze ahlabe isihlabo; uhlukuhla iintolo, ubuza kwimilondekhaya, ukhangela esibindini.

—UHezekile 21:21

### *Ukuvumisa ngeentonga*

Abantu bam babùzisa kumthi wabo; nentonga yabo iyabaxelela; ngokuba umoya wobuhenyu ubalahlekisile; bahenyuzé bemka phantsi koThixo wabo.

—UHoseya 4:12

### *Isohlwayo ngenxa yokuvumisa*

Wafa ke uSawule ngokumeneza kwakhe, awameneza ngako kuYehova, ezwini likaYehova angaligcinanga; kwanangokubuzisa kwakhe koneshologu, ngokuquqela kuye, akaquqela kuYehova . . . .

—IziKronike I 10:13, 14

Ziya kudana iimboni, babe neentloni abavumisi, . . . ngokuba kungekho mpendulo kaThixo.

—UMika 3:7

# IINDLELA ASEBENZA NGAZO UMPHATHI WELI HLABATHI

## *Abahedeni Bafunda Ikamva Labo Ezinkwenkwezini*

**Utsho uYehova ukuthi, Musani ukuziqhelisa indlela yeentlanga, ningaqhiphuki umbilini yimiqondiso yezulu, ngakuba iintlanga ziqhiphuke umbilini yiyo.**
**—UYeremiya 10:2**

Musa Ukuthembela Kwiincwadi Nokuba Zizinto Zethamsanqa, futhi ungazinikeli Kumculo wobusathana nokuba yimifanekiso engcolileyo. **"Andiyi kubeka phambi kwamehlo am Nto inobutshijolo"** —IiNdumiso 101:3. Lahla Ikratshi, Uhanahaniso, Kunye Nonqulo Olufileyo.

**Yeha, . . . bahanahanisindini! . . . athi abonakale emahle okunene ngaphandle, kanti ngaphakathi azele ngamathambo abafileyo nokungcola konke. —UMateyu 23:27**

## *Ukuzibulala Kuvela KuMtyholi*

Musa Ukukholelwa bubuxoki Obuvela KuSatana nokuba Kwiidemoni bokuba Ukuzibulala Kukukhulula Kwiingxaki okanye etyaleni! **"Uze ungabulali"** —IEksodus 20:13.

## *NguKristu Kuphela okhulula etyaleni*

*(Khangela amaphepha 48 no 49)*

**Uqhayiya lam, ungoma yam nguYehova; waba lusindiso kum.**
**—IEksodus 15:2**

## *Ngaba profeti bobuxoki*

**Wathi uYehova kum, Abaprofeti baprofeta ubuxoki egameni lam; andibathumanga, andibawiselanga mthetho, andithethanga kubo; bona baniprofetela umbono wobuxoki, nokuvumisa, nento engento, nenkohliso yentliziyo yabo. —UYeremiya 14:14**

**Kuba kuya kuvela ooKristu ababuxoki, nabaprofeti ababuxoki, benze imiqondiso nemimangaliso yokulahlekisa nabanyuliweyo, ukuba bekunokwenzeka. —UMarko 13:22**

## *Ngokuthetha nabafileyo*

Ukumkani UDavide ephantsi kwempembelelo KaThixo, Wathi ngonyana wakhe, **"Efile nje kaloku, . . .yena akayi kubuyela kum." —USamuweli II 12:23**

Musa ukuthetha noomoya abakhohlakeleyo, ngaphandle kokuba ubayalela ukuba bemke ngegama likaKristu. Musa ukubeka ithemba ekufundweni kwesandla, nezinto zobugqi.

## *Zitshabalalise izithixo, lincwadi zikaSatana*

**Yathi ke nento eyaneleyo yabasebenza izenzo zobugqi, yazizisa ndaweni-nye iincwadi zayo, yazitshisa phambi kwabo bonke; bawabala amaxabiso azo.** (Fundakwi Gene. 35:2-5) **—IZenzo 19:19**

# 18 UKRISTU WAKUDALA UKUHLANGANA KWENDODA NOMFAZI-USATANA WAKUSEBENZISA NGENDLELA ENGALUNGANGA

### *Ukuhlangana kwendoda nomfazi kwadalelwa umtshato kuphela*

UYehova uThixo walwakha ubambo abeluthabathe kuAdam, lwaba ngumfazi; wamzisa kuAdam. Ngenxa yoko indoda yomshiya uyise nonina, inamathele kumkayo, babe nyama-nye ke.

—IGenesis 2:22, 24

Umtshato mawubekeke ngeendlela zonke, nesilili masingadyojwa; ke abenza umbulo nabakrexezi, uThixo uya kubagweba.

—KumaHebhere 13:4

Ke kaloku abazekileyo nabendileyo ndiyabathethela, phofu ingendim, iyiNkosi; ndithi, Umfazi makangahlukani nendoda (ke ukuba uthe wahlukana nayo, makahlale angendi, okanye makaxolelaniswe nendoda yakhe); indoda mayingamali umfazi wayo.

—KwabaseKorinte I 7:10, 11

*(Khangela KwabaseRoma 7:2, UMarko 10:9.)*

### *USatana ubangela ukuba angathotyelwa UThixo*

Lowo usenzayo isono ungokaMtyholi; ngokuba uMtyholi woné kwasekuqalekeni. . . .

—KaYohane I 3:8

# UMBULO NOKUKREXEZA KUKUVUKELANA NOTHIXO

Uze ungakrexezi.

—IEksodus 20:14

Kuba oku kukuthanda kukaThixo, ukungcwaliswa kwenu, ukuba nikhumke kulo uhenyuzo.

—KwabaseTesalonika I 4:3

Indoda esukuba ikrexeza umkamntu, ikrexèze umfazi wommelwane wakhe, wobulawa afe umkrexezi lowo, kwanomkrexezikazi. —ILevitikus 20:10

### *Isono silwa nomzimba wakho*

. . . Ke wona umzimba asingowombulo, ngoweNkosi; nayo iNkosi yeyomzimba. Anazi na ukuba imizimba yenu ngamalungu kaKristu? . . . Wubalekeni umbulo. Zonke izono athe umntu wazenza, zingaphandle komzimba; ke lowo wenza umbulo, wona owakhe umzimba.

— KwabaseKorinte I 6:13, 15, 18

### *Abazali mabangangeni kwisono sokuhlangana bengekatshati*

Musa ukuyihlambela intombi yakho, uyenze ihenyu, ukuze ilizwe lingahenyuzi, lingazali ilizwe ngamanyala. —ILevitikus 19:29

**Umbulo:** Kutsho ukuhlangana kwabantu abangatshatanga.

**Ukukrexeza:** Kutsho ukuhlangana nalowo ungatshatanga naye emveni kokuba utshatile.

Kuba, njengokuba kuye uAdam bafa bonke, ngokunjalo nakuye uKristu baya kudliswa ubomi bonke. —KwabaseKorinte 15:22

Ekubeni ngoko abantwana abo bengamadlelane naye ngenyama negazi, wathi naye ngokwakhe ngokukwanjalo wabelana nabo ngezo zinto, ukuze ngako ukufa ambhangise lowo unamandla okufa, oko kukuthi, uMtyholi lo; abakhulule ebukhobokeni bonke abo babethe ngalo lonke ixesha lokudla kwabo ubomi bazizisulu zokoyika ukufa.
—KumaHebhere 2:14, 15

. . . Wabonakaliselwa oku uNyana kaThixo, ukuze ayichithe imisebenzi kaMtyholi. —KaYohane I 3:8

Ebabhunyule obalawuli nomagunya, wabenza isibonelo ekuhleni, ememelela ngabo ekuwo umnqamlezo. —KwabaseKolose 2:15

### *Ukungafi kokwethu kuKristu*

Wasibiza ngobizo olungcwele, engenzi ngokwemisebenzi yethu, esenza ngokweyakhe ingqibo, nobabalo, esababalwa ngalo ngoKristu Yesu phambi kwamaxesha aphakade; lwabonakaliswa ke ngoku ngako ukubonakala koMsindisi wethu uYesu Kristu, owakubhangisayo okunene ukufa, kodwa wabukhanyisa ubomi nokungonakali, ngazo iindaba ezilungileyo ezi. —KuTimoti II 1:9, 10

. . . ngokuba ummangaleli wenu, uMtyholi, uhamba njengengonyama egqumayo, efuna ubani angaminginyayo; mchaseni lowo, nizimasekile elukholweni . . . .

—KaPetros I 5:8, 9

Xhobani sonke isikrweqe sikaThixo, ukuze nibe nako ukumisa nibuchase ubuqhinga boMtyholi. . . . ukuze nibe nako ukuchasa ngomhla ombi, . . . níbhinqé inyaniso esinqeni senu, ninxibé isigcina-sifuba sobulungisa, nibophé ezinyaweni zenu ulungiselelo lweendaba ezilungileyo zoxolo. Ngaphezu kwezo zinto zonke, qubulani ikhaka lokholo, lona nothi ngalo nibe nako ukuzicima zonke iintolo ezinomlilo zakhe ongendawo. Yamkelani isigcina-ntloko sosindiso, nalo ikrele loMoya, elililizwi likaThixo; ngako konke ukuthandaza nokukhunga, nithandaza amaxesha onke nikuye uMoya; niyiphaphamele loo nto ngako konke ukuzingisa nokukhunga . . . .

—KwabaseEfese 6:11-18

Mthobeleni ngoko uThixo. Mchaseni ke uMtyholi, wonibaleka.

—EkaYakobi 4:7

. . . ngokuba lowo ukuni (UKristu) nguyena mkhulu kunalowo (USatana) usehlabathini.

—KaYohane I 4:4

Unobangela wokubaleka kukaSatana: UKristu ungaphakathi kwakho!

### *Ulilizwi likaThixo*

UThixo . . . awammisayo wayindlalifa yeento zonke, awathi kwangaye wayenza indalo yonke.
—KumaHebbhere 1:1, 2

Bakhwankqiswa kukufundisa kwakhe; ngokuba ebebafundisa njengonegunya, engafundisi njengabo ababhali. —UMarko 1:22

Kuthi thina mnye uThixo, uYise, eziphuma kuye izinto zonke; nathi sikholo yena. Inye iNkosi, uYesu Kristu, ezingayo zonke izinto; nathi singaye.
—KwabaseKorinte I 8:6

Wamnika negunya lokugweba; ngokuba enguNyana woMntu.
—UYohane 5:27

Osekunene kukaThixo, eye emazulwini, kwakubon' ukuba kuthotyelwe phantsi kwakhe izithunywa zezulu, noomagunya, namandla. —KaPetros I 3:22

Kuba uKristu wafa, wabuya wavuka, wabuya wadla ubomi, ngenxa yoku, ukuze aphathe ubukhosi kwabafileyo, kwanakwabaphilileyo. —KwabaseRoma 14:9

Weza uYesu wathetha kubo, esithi, Linikwe mna lonke igunya emazulwini nasehlabathini.
—UMateyu 28:18

Kuba ebezifundisa njengonegunya, engafundisi njengabo ababhali. —UMateyu 7:29

Wavuka, wawukhalimela umoya, wathi kulo ulwandle, Hlala uthi tu, uthi cwaka! Wadamba umoya, kwabakho ukuzola okukhulu. —UMarko 4:39

### *Wayephilisa ngegunya*

Ke ukuze nazi ukuba unalo igunya uNyana woMntu lokuxolela izono emhlabeni apha (uthi konedumbe), Ndithi kuwe, Vuka, uthabathe ukhuko lwakho, uye endlwini yakho. Wavuka kwaoko, waluthabatha ukhuko, waphuma phambi kwabo bonke, ngokokude bathi nqa bonke, bamzukise uThixo . . . . —UMarko 2:10-12

Weza ke kuye, wamvusa embambe ngesandla; yamyeka kwaoko icesina, wabalungiselela. —UMarko 1:31

### *UKristu ukhupha omoya abangcolileyo*

Uthe umoya ongcolileyo wambetha wee xhwenene; wakhala ngezwi elikhulu, waphuma kuye. Baqhiphuka umbilini bonke, ngokokude babuzisane, besithi, Yintoni na le nto? Le mfundiso intsha yiyiphi na, le nto noomoya abangcolileyo aba abathethela ngegunya, bamlulamele? —UMarko 1:26, 27

### *Wayevusa abafileyo ngegunya*

. . . Yathi, Ndodana, ndithi kuwe, Vuka. Wavuka wahlala umfi lowo, waza ke wathetha. Yamnikela ke kunina. —ULuka 7:14, 15

# 24 UKRISTU UBANIKA ABALANDELI BAKHE IGUNYA NAMANDLA PHEZU KOTSHABA

Niyabona, ndininika igunya lokunyathela phezu kweenyoka nononomadudwane, naphezu kwawo onke amandla alo utshaba; kanjalo akukho nto ingakhe inenzakalise. —ULuka 10:19

Ke kaloku, ebabizele ndawonye abafundi bakhe abalishumi elinababini, wabanika amandla negunya kuzo zonke iidemon, nokuphilisa izifo. —ULuka 9:1

Kuba inene ndithi kuni, Othe kule ntaba, Funquleka, uphoseke elwandle, angàthandabuzi entliziyweni yakhe, asuke akholwe ukuba ezo zinto azithethayo zinokwenzeka, wokuzuza oko athe wakuthetha. —UMarko 11:23

Inene, inene, ndithi kuni, Lowo ukholwayo kum, imisebenzi endiyenzayo mna, uya kuyenza naye yena .... —UYohane 14:12

Wathi ke uYesu kuye, Ewe, ukuba unokukholwa! Zonke izinto zinokwenzeka kuye okholwayo. —UMarko 9:23

Nento obuyiyo ubukhulu obuncamisileyo bamandla akhe abhekisele kuthi, thina bakholwayo, angokokusebenza kokuqinisela kokomelela kwakhe. —KwabaseEfese 1:19

### *Yikhalimele. Yiyalele iphume ngegama likaYesu*

Kuba ebethe kuye, Phuma emntwini apho, moyandini ungcolileyo. Wayembuza esithi, Ùngubani na wena igama? Waphendula esithi, NguMkhosi igama lam; kuba sibaninzi. Waye ke embongoza kakhulu ukuba angabandululi bemke kwelo zwe. . . . Baphuma ke oomoya abangcolileyo, baya kungena ezihagwini; lwaza ugxuba lwaphaphatheka, lwehla eweni, lwela elwandle . . . .
—UMarko 5:8, 9, 13

. . . uYesu, . . . wawukhalimela umoya ongcolileyo, esithi kuwo, Moyandini ungathethiyo usithulu, mna ndiyakuthethela, phuma kuye, ungabi sangena kuye. Wakhala wona, wambetha wee xhwenene kunene, waphuma; . . . . Kungengako ukuthandaza nokuzila ukudla. —UMarko 9:25-26, 29

. . . uPawulos, . . . wathi kuwo umoya, Ndiyakuthethela egameni likaYesu Kristu ukuba uphume kuso. Waphuma ke kwangelo lixa.
—IZenzo 16:18

Wawukhalimela uYesu, esithi, Yithi tu, uphume kuye. Yasuka idemon yamjulela esazulwini, yaphuma kuye ingamenzakalisanga.
—ULuka 4:35

Kungoko athe uThixo wamphakamisa kakhulu, wamnika igama elingaphezu kwawo onke amagama; ukuze ngegama lika Yesu onke amadolo agobe . . . .

—KwabaseFilipi 2:9, 10

Nento enithe nayicela egameni lam, ndoyenza yona, ukuze uYise azukiswe ngoNyana.

—UYohane 14:13

Emveni kokubuyela eAfrika nenkosikazi yam nosapho siyekusebenzela UKristu, ndavuka ngobunye ubusuku kukho umoya ongcolileyo owoyikekayo phezu kwam. Ndathi ndakwayamisa idolo lam kwelawo ndikhangela ukuba nguwo ngenene na, walityhala idolo lam ngamandla amakhulu ngesiquphe, weza ngokukhawuleza entanyeni ukuze undikrwitshe. Ndakhwaza amagama amabini kuphela, Yesu, ndincede! Kwangoko, wemka, akuzange kuphinde kwehle oko kwithuba elingangama 28 eminyaka ukusukela koko. Kukho amandla amakhulu egameni lika Yesu Kristu phezu koSatana nakwiidimoni! Biza igama lika Yesu ukuze usindiswe nokuze ukhululwe. (Rom. 10:13)

Elinye inenekazi landibalisela nenkosikazi yam ukuba ngethuba elalisekholejini, lathatyathwa ngumfana othile wemka nalo wehla nalo ngomgaqo kaloliwe. Bakufika ndaweni ithile, lo mfana wazama ukum-

bulala, ngenjongo zokuba kukhangeleke ngathi ubulewe nguloliwe. Wathi akumkhalimela egameni likaYesu Kristu, akazange abe nawo amandla okumenza into embi. Ngamandla ka Yesu, womenza ukuba ahambe phambi kwakhe ekubuyeleni kwabo ekholejini.

Elinye inenekazi landibalisela nenkosikazi yam ukuba ngeentsuku zobutsha balo lavulela abakhafuli igumbi lalo ngobuyatha ukuba benze itheko kulo. Emveni koko omoya abakhohlakeleyo bashukumisa yonke impahla—yendlu egumbini. Sele encamile, wabakhuphela phandle egumbini lakhe ngegama likaYesu. Emva koko lazinikela ngokupheleleyo kuYesu Kristu.

Ungaze umsizele okanye uvelane naye USatana nokuba ziidimoni. Iinjongo zazo kukuba ubengakwicala lazo kunokuba ubekwicala likaThixo. UmKristu owayesele eluphele, owayebethwe ngobuthathaka bomzimba ebhidakele engqondweni, wandixelela izinto ezithethwa nguSatana kuye. Wayefuna ukukha amlinge. Ndathi kuye USatana lichule lokukhohlisa abantu akunakho ukukuthemba akuthethayo. Ndamkhalimela USatana egameni elinamandla onke likaYesu Kristu. Yathi le ndoda ndiyavuya utikile, wakhangeleka enoxolo kuKristu.

—Watson Goodman

### *UKristu unguThixo UMdali*

Ngokuba zadalelwa kuye zonke izinto, ezisemazulwini nezisemhlabeni, ezinokubonwa nezingenakubonwa, nokuba ziitrone, nokuba zibubukhosi, nokuba zizilawuli, nokuba ngamagunya. . . .

—KwabaseKolose 1:16

### *UKristu unika ukukhanya noxolo*

Ukuba úkhanye kwabo bahleliyo emnyameni, nasethunzini lokufa, ukuba úzingenise iinyawo zethu endleleni yoxolo. —ULuka 1:79

Yanga ke iNkosi yoxolo ngokwayo inganinika uxolo ngamaxa onke . . . .

—KwabaseTesalonika II 3.16

### *Iidemoni noSatana ziyatshabalalisa*

Isela alizi lingazele ukuze libe, lixhele, litshabalalise. . . .

—UYohane 10:10

. . . Yeha, abo bawumiyo umhlaba nolwandle! ngokuba uhlile weza kuni uMtyholi, enomsindo omkhulu, esazi nje ukuba ixesha analo lincinane. —IsiTyhilelo 12:12

### *USatana unika ubumnyama, Intuthumbo*

Indlela yabangendawo injengesithokothoko . . . .

—ImiZekeliso 4:19

. . . safa ke nesityebi, sangcwatywa. Size, sikwelabafileyo, siphakamise amehlo aso sisentuthumbeni . . . . —ULuka 16:22, 23

### UKristu uyinyaniso

ULizwi waba yinyama, wahlala phakathi kwethu, sabubona ubuqaqawuli bakhe, ubuqaqawuli kanye bowokuphela kwamzeleyo uYise, ezele lubabalo nayinyaniso. . . . Ukuba nina nithe nahlala elizwini lam, noba ningabafundi bam, inyaniso. Naniya kuyazi inyaniso, yaye inyaniso iya kunikhulula. —UYohane 1:14; 8:31, 32

### UKristu uzele luthando

Ngale nto silwazile uthando, kuba yena wasincamela ubomi bakhe; nathi ke sifanele ukubancamela abazalwana ubomi bethu.
—KaYohane I 3:16

### USatana unguyise wobuxoki

Nina ningaboyihlo uMtyholi, neenkanuko zoyihlo niyathanda ukuzenza. Yena waye esisibulalamntu kwasekuqaleni; akemi enyanisweni, ngokuba akukho nyaniso kuye. Xa sukuba ethetha ubuxoki, uthetha okukokwakhe; ngokuba ulixoki, noyise wawo.
—UYohane 8:44

### USatana uphembelela intiyo

Ukuba ihlabathi linithiyile, yazini ukuba lindithiyé kuqala kunani. —UYohane 15:18

Iyabonakala ke yona imisebenzi yenyama, . . . intiyo, . . . imisindo. . . .
—KumaGalati 5:19, 20

### *UKristu uyawuhlambulula umphefumlo*

Ke ukuba sihamba ekukhanyeni, njengokuba yena esekukhanyeni, soba sinobudlelane omnye nomnye, lithi negazi likaYesu Kristu, nNyana wakhe, lisihlambulule kuso sonke isono.

—KaYohane I 1:7

### *UKristu unika ubomi obungunaphakade*

Bubo ke obu ubomi obungunaphakade, ukuba mabakwazi, wena ukuphela koThixo oyinyaniso, naye uYesu Kristu omthumileyo.

—UYohane 17:3

### *USatana uyawungcolisa umphefumlo*

Musani ukulahlekiswa; uThixo yena asingowokuhlekisa. Kuba into athe wahlwayela yona umntu, wovuna kwayona; ngokuba lowo uhlwayelela eyakhe inyama, wovuna ukonakala ngokwasenyameni . . . .

—KumaGalati 6:7, 8

### *USatana ukhokelela ekufeni okungunaphakade*

. . . umdiza ke ngoonyana bongendawo; utshaba ke olwawuhlwayelayo wona nguMtyholi; . . . Njengokuba ngoko ubuthwa umdiza, utshiswe ngomlilo . . . .

—UMateyu 13:38-40

### *Ungumphathi weli hlabathi ngoku*

Andisayi kuba sathetha zinto zininzi nani; kuba esiza umphathi weli hlabathi, engenanto nam.
—UYohane 14:30

### *USatana ungumphathi. Ukuba izinto azihambi kakuhle, sola yena*

Obo bulumko asibubo obuhla phezulu; bobasemhlabeni, bobemvelo, bobeedemon. Kuba apho kukhoyo umona neyelenqe, kubakho isiphithiphithi nemicimbi emibi yonke. —EkaYakobi 3:15, 16

**Xa USatana enalo ithuba, uyayitshabalalisa inkululeko yokukhonza UKristu ekuhleni. Akanakho ukulutshabalalisa Uthando omthanda ngalo UKristu. Lugcine Ukholo!**

Ayemgibisela ngamatye uStefano, yena ebiza esithi, Nkosi Yesu, wámkele umoya wam. Uguqile ke ngamadolo, wadanduluka ngezwi elikhulu, wathi, Nkosi, ungabamiseli esi sono. Akutsho, walala ubuthongo. —IZenzo 7:59, 60

### *ULawulo lukaKristu lwehlabathi*

Ukuba kwande ukuthethela oko, kubekho uxolo olungenakuphela etroneni kaDavide, nasebukumkanini bakhe, ukuba bumìswe buxhàswe ngokusesikweni nangobulungisa, kususela koko kude kuse ephakadeni. . . . —UIsaya 9:7

### *Umntu wesono unikwa igunya nguSatana*

Ke kaloku siyanicela, bazalwana, ngenxa yokufika kweNkosi yethu uYesu Kristu, nokuhlanganiselwa kwethu kuyo. . . . Makungabikho bani unilukuhlayo ngalunye uhlobo; ngokuba ayinakufika yona, lungakhanga lufike ulahlo kuqala, atyhileke umntu wesono, unyana wotshabalalo; lowo uchasayo, uziphakamisayo ngaphezu kwento yonke ekuthiwa nguThixo, nehlonelwayo, ngokokude azihlalise etempileni kaThixo, ezenza uThixo, ezibonisa ukuba unguThixo. Andule ukutyhileka ongenamthetho; lowo iya kumtshisa iNkosi ngomoya womlomo wayo, imbangise ngokubonakala kokufika kwayo: kwalowo, úkufika kungokokusebenza kukaSathana, ngayo imisebenzi yonke yamandla.

—KwabaseTesalonika II 2:1, 3, 4, 8-9

. . . Inamba yalinika amandla ayo, netrone yayo, negunya elikhulu. . . . lanikwa igunya kuzo zonke izizwe, neelwimi, neentlanga. —IsiTyhilelo 13:2, 7

Bayinqula inamba eyalinika igunya irhamncwa, balinqula irhamncwa, besithi, Ngubani na ofana nerhamncwa elo? ngubani na onako ukulwa nalo? —IsiTyhilelo 13:4

# UMCHASI-KRISTU UYAKULWA IMFAZWE NABANGCWELE

**Athethe amazwi okuchasana nOsenyangweni, abonákalise abangcwele bOsenyangweni, acamange ngokuwenza wambi amathuba nomthetho, banikelwe esandleni sakhe ixesha namaxesha nesiqingatha sexesha. Ke abagwebi baya kuhlala phantsi, balisuse igunya lakhe, ukuze litshabalalale lidake, kude kuse ekupheleni.**

**—UDaniyeli 7:25, 26**

**. . . kanjalo lanikwa igunya lokulwa iinyanga ezimashumi mané anesibini. Lawuvulela umlomo walo ekumnyeliseni uThixo, ukuba lilinyelise igama lakhe, nomnquba wakhe, nabo bahleli emazulwini. Lanikwa igunya lokulwa nabangcwele, libeyise; lanikwa igunya kuzo zonke izizwe, neelwimi, neentlanga. Baya kulinqula bonke abo bemiyo phezu komhlaba, abamagama angabhalwanga encwadini yobomi yayo iMvana, exheliweyo kususela ekusekweni kwehlabathi. Ukuba ubani unendlebe, makeve.**

**—IsiTyhilelo 13:5-9**

**Wuzame umzamo omhle wokholo; bubambe ubomi obungunaphakade, owabizelwa nokubizelwa kubo, waza waluvuma uvumo oluhle emehlweni amangqina amaninzi.**

**—KuTimoti I 6:12**

# UNGAZE UNQULE UMFANEKISELO WOMCHASI-KRISTU

### *Inkokheli yezenkolo yehlabathi incedisa UMchasi-Kristu ekulahlekiseni Ihlabathi.*

Libalahlekise abo bemiyo phezu komhlaba, ngemiqondiso elayinikwayo ukuba liyenze emehlweni erhamncwa elo; lisithi kwabo bemiyo phezu komhlaba, mabalenzele umfanekiselo irhamncwa, elibe linenxeba lalo ikrele, laphila. Lanikwa igunya lokuwunika umfanekiselo werhamncwa umoya, ukuze umfanekiselo werhamncwa elo uthethe nokuthetha, wenze ukuba babulawe abasukuba bengaqubudi kuwo umfanekiselo werhamncwa. . . . Labanjwa ke irhamncwa; kunye nalo kwabanjwa umprofeti obuxoki, lowo wayenzayo imiqondiso emehlweni alo, wabalahlekisa ngayo abo balwamkeláyo uphawu lwerhamncwa, . . . baphoswa behleli abo bobabini edikeni lomlilo elivutha isulfure.

—IsiTyhilelo 13:14, 15; 19:20

### *Abantu bakaThixo bayazilahla ezinye izithixo*

. . . nasesandleni sakho, kumkani. Ke, ukuba akunjalo, makwazeke kuwe, kumkani, ukuba asiyi kubabusa othixo bakho, asiyi kuqubuda kumfanekiso wegolide owumisileyo. —UDaniyeli 3:17, 18

Lenza bonke, abancinane nabakhulu, abazizityebi nabangamahlwempu, abakhululekileyo nabangamakhoboka, ukuba baphawulwe lilo esandleni sabo sokunene, nokuba kusemabunzini abo; nokuze kungabikho mntu unako ukuthenga nokuthengisa, ingenguye lowo unophawu, nokuba ligama lerhamncwa, nokuba linani legama lalo. . . . Lowo unengqiqo makalibale inani lerhamncwa; . . . inani lalo ke lingamakhulu omathandathu anamanci mathandathu anesithandathu (666).

—IsiTyhilelo 13:16-18

## *Abasindisiweyo bezelwa yimini enthe*

. . . Aba ngabaphumáyo embandezelweni enkulu, bazihlamba iingubo zabo ezinde, bazenza mhlophe egazini leMvana. Ngenxa yoko baphambi kwetrone kaThixo, bemkhonza imini nobusuku etempileni yakhe; nalowo uhleli phezu kwetrone uya kuba ngumnquba phezu kwabo. Abayi kuba salamba, abayi kuba sanxanwa; aliyi kubawèla nelanga, nabunye ubushushu; ngokuba iMvana esesazulwini setrone iya kubalúsa, ibakhokelele emithonjeni ephilileyo yamanzi . . . . —IsiTyhilelo 7:14-17

## Kungcono Ungene Ezulwini Ulambile Kunokungena Esihogweni Uhluthi!

# 36 BONKE ABANTU ABANQULA UMCHASI-KRISTU OKANYE ABAMKELA UPHAWU LWAKHE EMZIMBENI WABO UKUZE BATHENGE NOKUBA BATHENGISE, BAPHELELA ENTSHABALALWENI

Saza esesithathu isithunywa sezulu sazilandela zona, sisithi ngezwi elikhulu, Ukuba umntu uyalinqula irhamncwa nomfanekiselo walo, amkele uphawu lwalo ebunzini lakhe, nokuba kusesandleni sakhe:

Yena wosela iwayini yomsindo kaThixo, egalelwe ingaphithikeziwe endebeni yengqumbo yakhe, athuthunjiswe ngomlilo nesulfure phambi kwezithunywa ezingcwele, naphambi kweMvana.

Umsi wokuthuthunjelwa kwabo unyuka use emaphakadeni asemaphakadeni; àbanakuphumla imini nobusuku abo banqula irhamncwa nomfanekiselo walo, nomntu ukuba uthi alwamkele uphawu lwegama lalo.

Nalu unyamezelo lwabangcwele; nabá abayigcinàyo imithetho kaThixo nokukholwa kuYesu.

Ndeva izwi liphuma emazulwini, lisithi kum, Bhala, uthi, Banoyolo abafi, abo bafela eNkosini, kuthabathela apha; ewe, utsho uMoya, ukuba baphumle ekubulalekeni kwabo; imisebenzi yabo ke ilandelana nabo. —IsiTyhilelo 14:9-13

# UKOYISWA KOPHAWU LUKA SATANA NOMFANEKISELO WAKHE PHAMBI KOKUBA INGQUMBO KATHIXO IZE EMHLABENI

. . . izithunywa zezulu ezisixhenxe zinazo izibetho ezisixhenxe zokugqibela; ngokuba wazaliseka umsindo kaThixo ngazo. Ndabona ngathi lulwandle lwegilasi, luphithikezene nomlilo; nabó bavela beloyisile irhamncwa, nomfanekiselo walo, nophawu lwalo, nenani legama lalo, bemi ngaselwandle lwegilasi, beneehadi zikaThixo. . . . Ndeva izwi elikhulu liphuma etempileni, lisithi kuzo izithunywa zezulu zosixhenxe, Hambani, niye kuziphalaza iingqayi zomsindo kaThixo emhlabeni.

—IsiTyhilelo 15:1-2; 16:1

*(Isityhilelo 16-18: Izibetho ezisixhenxe neziphumo.)*

### *Abanqunyulwe Intloko ngenxa yokholo bayalawula*

. . . Ndayibona imiphefumlo yababenqunyulwe iintloko ngezembe, ngenxa yobungqina bukaYesu, nangenxa yelizwi likaThixo, abasukuba bengalinqulanga irhamncwa nomfanekiselo walo, abangalwamkelanga uphawu lwalo ebunzini nasesandleni sabo; bádla ubomi, baba ngookumkani kunye noKristu iminyaka eliwaka.

—IsiTyhilelo 20:4

### *Iidemon Zihlanganisa izizwe ukuba zilwe*

Kuba bangoomoya beedemon, besenza imiqondiso; àbaphuma baye kubo ookumkani bomhlaba, nabelimiweyo liphela, ukubahlanganisela emfazweni yaloo mini inkulu kaThixo, uSomandla. . . . Babahlanganisela endaweni ekuthiwa ngesiHebhere yiArmagedon. —IsiTyhilelo 16:14, 16

### *UKristu ukhulula ilizwe lakhe nabantu bakhe abanyuliweyo, USirayeli*

Yabona, iYerusalem ndiyenza ibe yindebe enombilini, . . . Kothi ngaloo mini, ndiyenze iYerusalem ibe lilitye elingumthwalo ezizweni zonke; bonke abalifunqulayo baya kuzisikisa, bazilimazise, ziyihlanganyele zonke iintlanga zehlabathi. Uya kuphuma ke uYehova, alwe nezo ntlanga, njengemini yokulwa kwakhe, ngemini yomdibaniso. . . . Siso esi isibetho aya kuzibetha ngaso uYehova zonke izizwe eziyiphumele umkhosi iYerusalem: uya kuyingcungcuthekisa inyama yomntu, emi ngeenyawo zakhe, aphelele amehlo akhe emakrolomeni awo, luphelele ulwimi lwakhe emlonyeni wakhe.

—UZekariya 12:2, 3; 14:3, 12

**. . . Ukuba uThixo ungakuthi, ngubani na ongasichasayo?**

—*KwabaseRoma 8:31*

Emlonyeni wakhe kuphuma ikrele elibukhali, ukuze azithi qwaka ngalo iintlanga. Yena uya kuzalúsa ngentonga yentsimbi; yena unyathela isixovulelo sewayini yomsindo neyengqumbo kaThixo uSomandla. Engutyeni yakhe nasethangéni lakhe wayenegama libhaliwe kwathiwa, UKUMKANI KAKUMKANI, UNKOSI KANKOSI. —IsiTyhilelo 19:15, 16

### *UMchasi-Kristu ulawula iminyaka embalwa. UKristu ulawula apha i1,000 leminyaka, aze alawule ngonaphakade*

. . . ukufa kwesibini akunagunya kubo abanjalo; baya kusuka babe ngababingeleli bakaThixo nabakaKristu, babe ngookumkani kunye naye iminyaka eliwaka.
—IsiTyhilelo 20:6

. . . Obo bukumkani abuyi kusala nabantu bambi; buya kuzicola buzigqibe zonke ezo zikumkani, bona bume ngonaphakade.
—UDaniyeli 2:44

### *Zonke izizwe ziyakunqula UKristu Inkosi!*

Zonke iintlanga owazenzayo ziya kuza ziqubude phambi kwakho, Nkosi yam, Zizukise igama lakho. —IiNdumiso 86:9

# USATANA UYOYISWA KWIMFAZWE YAKHE AYILWA NOTHIXO

. . . uMikayeli nezithunywa zakhe besilwa nenamba,Yaphoswa phantsi inamba enkulu, inyoka yakudala, leyo kuthiwa nguMtyholi, uSathana ke, lowo ulilahlekisayo elimiweyo liphela; yaphoswa emhlabeni, nezithunywa zayo zaphoswa kunye nayo. Ndaza ndeva izwi elikhulu emazulwini lisithi, Ngoku luthe usindiso, namandla, nobukumkani, lwaba lolukaThixo wethu, negunya laba lelikaKristu wakhe; ngokuba ukhahlelwe phantsi ummangaleli wabazalwana bethu, lowo ubamangalelayo emehlweni kaThixo wethu imini nobusuku. —IsiTyhilelo 12:7-10

### *Izixhobo zokoyisa le mfazwe*

Bameyisile bona ngenxa yegazi leMvana, nangenxa yelizwi lobungqina babo; abawuthandanga umphefumlo wabo, kwada kwasekufeni. —IsiTyhilelo 12:11

### *Isiphelo Esingunaphakade Sika Satana*

. . . kwehla umlilo uvela kuThixo, uphuma ezulwini, wabadla wabagqiba. UMtyholi lowo ubalahlekisayo waphoswa edikeni lomlilo nesulfure, . . . baya kuthuthunjelwa imini nobusuku, kuse emaphakadeni asemaphakadeni. —IsiTyhilelo 20:9, 10

Ukhwezi ngewayethobile ngovuyo naphakade, kodwa walinga ukulawula ubukumkani bukaThixo.

### *Inkosi UKristu ulawula ngonaphakade*

**Bobákhò, Yehova, ubukhulu, namandla, nozuko, noloyiso, nendili. Ewe, konke okusezulwini nokusehlabathini kokwakho; bobakho, Yehova, ubukumkani; ùphakamile wayintloko yeento zonke.**
**—IziKronike I 29:11**

**Kuba, njengokuba kuye uAdam bafa bonke, ngokunjalo nakuye uKristu baya kudliswa ubomi bonke: elowo ke kolwakhe uluhlu; intlahlela inguKristu, kamva abakaKristu ekufikeni kwakhe; kwandule ke ukubakho isiphelo, xa athe wabunikela ubukumkani kuye uThixo uYise, xa athe wabubhangisa bonke ubulawuli, nalo lonke igunya, namandla. Kuba umelwe yena kukuthi alawule, ade azibeke phantsi kweenyawo zakhe zonke iintshaba. Olokugqibela utshaba oluya kubhangiswa kukufa. —KwabaseKorinte I 15:22-26**

**Sathi esesixhenxe isithunywa savuthela ixilongo; kwabakho amazwi amakhulu emazulwini, esithi: Izikumkani zehlabathi zithe zaba zezeNkosi yethu nezikaKristu wayo. Wayeya kuba nguKumkani kuse emaphakadeni asemaphakadeni. —IsiTyhilelo 11:15**

***USatana wonakalisa umzimba, nomphefumlo ngesono sokulalana kwamadoda, ukubulawa kweentsana ezingekazalwa, lidemoni ebantwini***

. . . namadoda, . . . avutha ngokukhanukana kwawo, . . . ezamkelela umbuyekezo wokulahleka kwawo, abemelwe ke nguwo.
—KwabaseRoma 1:27

Izinto ezintandathu uzithiyile uYehova, . . . Zizandla eziphalaza igazi elimsulwa.
—ImiZekeliso 6:16, 17

Wandule ke ukuya uthabathe uze nabanye oomoya, abasixhenxe abakhohlakeleyo kunawo, bangene beme khona; lize ikamva laloo mntu libe libi kunesiqaleko sakhe . . . .
—UMateyu 12:45

Funa UThixo ophilileyo kuphela. Musa ukubiza "Isithixo" ukuze wazi nekamva, ukufundwa kweengcinga, ukuze uphiliswe emzimbeni, okanye ukhokelwe ngokwasemoyeni.

Musa ukuzinikela elulawulweni lawo nawuphina umoya ongenguwo UMoya kaThixo Oyingcwele. Kholwa yiBhayibhile nayo Inkosi UYesu Kristu kuphela.

*(Khangela Isityhilelo 19:13.)*

### *Nayiphi imfundiso ephumayo kwindlela emxinwa yoxolelo, yokuhlanjululwa, nokukhululwa ngentlawulelo ngalo igazi nobuntu bukaKristu yeyobuxoki nelahlekisayo*

Waphendula uYesu wathi kubo, Lumkani ningalahlekiswa mntu. Kuba baninzi abaya kuza egameni lam, besithi banguKristu, balahlekise into eninzi. Kwaye kuya kuvela abaprofeti ababuxoki babe baninzi, balahlekise abantu abaninzi. —UMateyu 24:4, 5, 11

Kuba baninzi abahambayo, endathetha futhi kuni ngabo, ngoku ke ndithetha ndilila nokulila, ndisithi, bazizo iintshaba zomnqamlezo kaKristu; abasiphelo siyintshabalalo, abaThixo usisisu sabo . . . . —KwabaseFilipi 3:18, 19

### *Xolela ukuze uxolelwe*

Kuba xa nithi nibaxolele abantu iziphoso zabo, uYihlo osemazulwini wonixolela nani. —UMateyu 6:14

### *Igazi elinqabileyo likaKristu liyakhulula*

Nisazi nje ukuba anihlawulelwanga nikhululwe ngazinto zinakonakala, oozisilivere noozigolide, . . . Kwakungegazi elinqabileyo likaKristu, njengelemvana engenasiphako, engenabala; . . . Nina nikholwayo ngaye kuThixo . . . .

—KaPetros I 1:18, 19, 21

### *Ukulawulwa yimvelo yesono*

Ke sisuke saba njengoyinqambi sonke siphela, yanjengengubo enomzí yonke imisebenzi yethu yobulungisa .... —UIsaya 64:6

### *Ingqumbo phezu komova wokungamthobeli UThixo*

Enanifudula nihamba kuzo ngokwesimo seli hlabathi, ngokomphathi wegunya lesibhakabhaka, womoya lo usebenzayo ngoku kubo abangevayo; esasifudula nathi sonke sihleli phakathi kwabo ezinkanukweni zenyama yethu, sisenza ukuthanda kwenyama nokwengcinga, saye ngemvelo sikwangabantwana bengqumbo, njengabanye abo.

—KwabaseEfese 2:2, 3

### *USatana uyabalawula abangasindiswanga*

Ukuba ke zigqutyuthelwe iindaba ezilungileyo zethu, zigqutyuthelwe kwabo batshabalalayo; athe uthixo weli phakade wazimfamekisa ngaphakathi kwabo iingqiqo zabangakholwayo, ukuze singabengezeli kubo isikhanyiso sendaba ezilungileyo zobuqaqawuli bukaKristu, ongumfanekiselo kaThixo. —KwabaseKorinte II 4:3, 4

### *Uloyiso lukuKristu*

Ngoko ke, ngoku akukho kugwetywa kwabakuKristu Yesu ....

—KwabaseRoma 8:1

Intsimi ke lihlabathi; imbewu ke entle ngoonyana bobukumkani abo; umdiza ke ngoonyana bongendawo. —UMateyu 13:38

Nina ningaboyihlo uMtyholi, neenkanuko zoyihlo niyathanda ukuzenza. . . . —UYohane 8:44

Lowo ungengakum uchasene nam, nalowo ungandibuthisiyo uyachithachitha. —UMateyu 12:30

### *Kungoko simelwe kukuba sizalwe ngokutsha ngoMoya kaKristu*

Ngoko ke, ukuba ubani ukuKristu, usisidalwa esitsha; izinto ezindala zidlule; bonani ke, zisuke zaba ntsha izinto zonke zakhe.
—KwabaseKorinte II 5:17

Ezam izimvu ziyaliva ilizwi lam, ndibe nam ndizazi, zindilandela; mna ndizinika ubomi obungunaphakade . . . . —UYohane 10:27, 28

### *Zinikele kuyo Inkosi UYesu ngoku*

. . . Yabonani, lingoku ixesha elamkeleke kakuhle; yabonani, ungoku umhla wosindiso.
—KwabaseKorinte II 6:2

Ukuba sithi sizivume izono zethu, uthembekile, ulilungisa, ukuba asixolele izono zethu, asihlambulule kuko konke ukungalungisi. —KaYohane I 1:9

Ngubani na oya kusahlula eluthandweni lukaKristu? Yimbandezelo na, luxinaniso na, yintshutshiso na, yindlala na, bubuze na, yingozi na, likrele na? . . . Kanti ke kwezo zinto zonke, sisuka soyise sigqithisele, ngaye owasithandayo. —KwabaseRoma 8:35, 37

Ngokuba konke okuzelweyo nguThixo kuyaleyisa ihlabathi; lulo ke olu uloyiso oluleyisayo ihlabathi, ukholo lwethu.

—KaYohane I 5:4

### *Imivuzo kwabo beyisayo*

Lowo unendlebe makayive into ayithethayo uMoya kuwo amabandla. Lowo weyisayo ndiya kumnika ukuba adle kuyo imana efihlakeleyo, ndimnike ilitye elimhlophe; elityeni apho ke igama elitsha libhaliwe, lingàziwa bani ingenguye olamkelayo.

—IsiTyhilelo 2:17

Lowo weyisayo, lowo uyigcinayo imisebenzi yam, ade ase ekupheleni, ndomnika igunya phezu kwazo iintlanga. —IsiTyhilelo 2:26

### *Ubaluleke kakhulu kuye UThixo. IKhalvari iyakubonakalisa oko! Uthixo ubaluleke kakhulu kuwe!*

Ukutsho andithi, sikulingene ngokwethu ukucamanga nto engathi iphuma kuthi ngokwethu; ukukulingana kwethu oko kuphuma kuThixo.

—KwabaseKorinte II 3:5

### *Bonakala noKristu Ebuqaqawulini*

Ukuba ngoko navuswa kunye noKristu, funani izinto zaphezulu, apho akhona uKristu, ehleli ngasekunene kukaThixo. Nyamekelani izinto zaphezulu, zingabi zezasemhlabeni. Xa athe wabonakalaliswa uKristu, obubomi bethu, ngelo xesha niya kubonakalaliswa nani, ninaye ebuqaqawulini. Bhubhisani ngoko amalungu enu asemhlabeni: umbulo, ukungcola, ukuthabatheka okuhlazisayo, inkanuko embi, nokubawa, okuyinkonzo yezithixo kona oko.

—KwabaseKolose 3:1, 2, 4-5

### *Okanye uqalekiswe noSatana ngonaphakade*

Úya kuthi nakwabangasekhohlo, Mkani kum, nina baqalekiswa, niye emlilweni ongunaphakade, owalungiselwa uMtyholi nezithunywa zakhe. —UMateyu 25:41

Baya kubuyela kwelabafileyo abangendawo, kwa iintlanga zonke ezimlibalayo uThixo.

—IiNdumiso 9:17

Nokuba ke isandla sakho sithe sakukhubekisa, sinqamle sona; kukulungele kanye ukuba ungene ebomini usisilima, kunokuba uthi, unezandla zozibini, umke uye esihogweni, emlilweni ongacimekiyo.

—UMarko 9:43

### *Zithobe*

UYesu wabizela kuye umntwana, wammisa phakathi kwabo. Wathi, Inene, ndithi kuni, Ukuba anithanga niguquke, nibe njengabantwana aba, aniyi kukha ningene ebukumkanini bamazulu. Osukuba ngoko ethe wazithoba njengaló mntwana nguye omkhulu kunabanye ebukumkanini bamazulu. —UMateyu 18:2-4

### *Guquka Esonweni*

Kwaye kukho uYohane, ebhaptiza entlango, evakalisa ubhaptizo lwenguquko, ukuze kuxolelwe izono. Ke kaloku emveni kokufakwa kukaYohane entolongweni, weza uYesu kwelaseGalili, evakalisa iindaba ezilungileyo zobukumkani bukaThixo, esithi, Lizalisekile ixesha, nobukumkani bukaThixo busondele; guqukani, nikholwe kuzo iindaba ezilungileyo ezi. —UMarko 1:4, 14, 15

Ndithi kuni, Hayi; nòthi xa sukuba ningaguquki, nitshabalale kwangokunjalo nonke.
—ULuka 13:3

Guqukani ke ngoko, nibuye, ukuze zicinywe izono zenu; ngokokuze afike amathuba okuphumza, evela ebusweni beNkosi.
—IZenzo 3:19

(Tyhila Kwiphepha elilandelayo)

# YAMKELA UKRISTU NJENGOMSINDISI WAKHO NAMHLANJE!

### *Zinikele kuYesu Kristu*

**Yiyekele kuYehova indlela yakho, ukholose ngaye; wókwenzela. —IiNdumiso 37:5**

**Kuba wenjenje uThixo ukulithanda kwakhe ihlabathi, ude wancama uNyana wakhe okuphela kwamzeleyo, ukuze bonke abakholwayo kuye bangatshabalali, koko babe nobomi obungunaphakade. —UYohane 3:16**

**Bathi ke bona, Kholwa kuyo iNkosi uYesu Kristu, wosindiswa wena nendlu yakho. —IZenzo 16:31**

### *UThixo usinika igunya lokuba ngoonyana bakhe*

**Ke bonke abamamkeláyo wabanika igunya lokuba babe ngabantwana bakaThixo, abo ke bakholwayo kwigama lakhe.... Ndishiya uxolo kuni; ndininika uxolo lwam. —UYohane 1:12, 14:27**

### *Mvume phandle UKristu*

**Ngokuba, xa uthe wamvuma ngomlomo wakho ukuba uyiNkosi uYesu, wakholwa ngentliziyo yakho ukuba uThixo wamvusa kwabafileyo, wosindiswa. Kuba umntu ukholwa ngentliziyo, ukuze abe nobulungisa; avume ke ngomlomo, ukuze asindiswe. —KwabaseRoma 10:9-10**

